

# Sivumelana ngokungaboni ngasonye

Ibhalwe nguBandile Sikwane  
Imizobo nguChantelle noBurgen Thorne

Ngamanye amaxesha, kububulumko ukuvumelana ngokungaboni ngasonye. Akuyiyo yonke imiba ekufuneka siyixoxe kuvokothেকে. Esi sisifundo uBelinda Bovine ithole kunye nomhlobo wakhe omkhulu uDumisane igongqongqo elincinci abasifunde ngeyona ndlela inzima.

Ukuze baphelise ingxabano yabo eyayimbi kwaye ingabhadlanga kakhulu ngalaa mini yehlobo eyayishushu ngolona hlobo lungathandekiyo, izaliswe ziimpukane, balinda kwada kwatshona ilanga xa onke amalungu angama-90 osapho lukaBelinda egoduka ukusuka emasimini. Babelambe ngolona hlobo.

“Owu, molo Dumisani. Kwakuhle ukuba uze kutya nathi isidlo sangokuhlwa,” waphazamisa watsho umama kaBelinda njengoko wayehlala esenza xa esi sibini siqalisa ukuphikisana. Zange bamve nokumva.


“Akunjalo!” wagxininisa uDumisani.

“Kunjalo!” waphikisa uBelinda, ngeli lixa babezingxala ngesopholo evuzisa izinkcwe. Kwakungekho ukutya okwakunencasa njengoko okwakusenziwa kuloo shedi yakwaRasdorf Farm.

“Eyam ingxola kakhulu,” waphikisa watsho uBelinda.

“Ayikwazi kwenzeka loo nto!” watsho uDumisani ngaloo mehlo abengezelayo, othuswe koku kubangisa. “Eyam iyingozi kwaye inqwamza kwanto!”

“Owu, hayi suka!” Loo mazwi ayimpoxo ataka kuloo mlomo kaBelinda ugwele kukutya.





“Heyi nina nobabini yekani olu xambuliswano nilwenzayo, okanye nakutyela phandle,” walumkisa watsho umama kaBelinda, owayesele ecaphuka ngoku.


Isilumkiso sazisa ukuzola okwakunokubangelwa kuphela zizisu ezoneleyo. Ukoneliseka okwakuwenza umzimba uthi saaa, uvumele izisu zenze oko zidume ngako: ukwetyisa, ukwetyisa, ukwetyisa.

Loo nzolo yaba yeyomzuzwana. Njengokuba umama kaBelinda wayebagalelela amanzi anesoda ahlwahlwazayo nje, esi sibini naso sabe sesiqalile kwakhona.

“Owam uyabhubhisa ntanga. Umama uthi wenza iglobhu ifudumale,” watsho ngokuzithemba uBelinda. Oko kwakungeyonyani ngaphandle nje kokucela umngeni kuDumisani.

“Hayibo! Khawusibonise,” wakhwaza watsho uDumisani.

UBelinda wenza njalo ngomdla omkhulu. Watsho baziva benxubile bonke.



Ngoko...

BHUUUUUUUUURH!

wabhodla uBelinda.

“Asiyonto leyo!” waphendula uDumisani.

“Bamb’apha’ isiselo sam.”



Wabhodla uDumisani.

Ngoku, uBelinda noDumisani babenezinto ezintathu ababengaziqondi.

Eyokuqala: Ngexesha lokwetyisa, izisu ezine zenkomo zidala umoya obizwa ngokuba yimitheyini. Inkomo iwukhupha lo moya ngokuthi ibhodle.

Inyani yesibini: Amagongqongqo abhabha kuphela emva kokuba ukutya akutyileyo kwetyiseke ngokupheleleyo. Asebenzisa izisu ezine kwezisibhozo ukuqhekeza ukutya njengoko zisenza iinkomo, nako okwenza umoya okuthiwa yimitheyini. Ezi ezinye ezine izisu zitshisa imitheyini. Yiyo loo nto kucingwa ukuba amagongqongqo “abhodla” umlilo, ekubeni oko kuyindlela nje abhodla ngayo.

Inyani yesithathu – le yeyona ibalulekileyo: Umoya wemitheyini uyavutha. Oku kuthetha ukuba intwana nje yomlilo ingadala ugqabhuko dubulo olumandla kakhulu.



Umbhodlo kaDumisani wawuyintlantsana nje engephi. Xa udiyanyiswe nombhodlo ongxolayo obunkomorha kaBelinda osuka emazantsi esisu, udubulo lwatsho kwasuka uphahla lwayisarihaza ishedhi eseRasdorf Farm.

Yaba lithamsanqa into yokuba abahlali balapho babe basindile. Masivume kodwa, ukuba yaba lilishwa into yomonakalo oadalwa yimpikiswano eyaphela isiba nkulu. Oku kuyabonisa ukuba, ngamanye amaxesha, kububulumko ukuvumelana ngokungaboni ngasonye.

Ngethamsanqa, okokuqala, ngale nyani ebalulekileyo, uBelinda noDumisani baphela bevumelana.

# Sivumelana ngokungaboni ngasonye

Ibhalwe nguBandile Sikwane • Imizobo nguChantelle noBurgen Thorne

## Izimvo eninokuthetha ngazo

Kutheni ucinga ukuba baphikisana kakhulu uBelinda noDumisani? Ingaba ucinga ukuba ngamanye amaxesha kungcono ukuvumelana ningaphikisani ngento kuba engekho onokufuna ukutshintsha? Ngoba/ngoba kutheni kungenjalo? Yintoni ethathwa njengenyani? Ngubani owenza isigqibo sokuba ingxelo iyinyani?

## Umfanekiso

Jonga ngononophelo umfanekiso okumaphepha amabini okuqala ebali.

- ★ Ziinkomo kunye namagongqongqo amangaphi ozibonayo etafileni?
- ★ Kokuphi ukutya okukhoyo abangakutya?
- ★ Ucinga ukuba basela ntoni?
- ★ Ungamfumana uDumisani, uBelinda nomama wakhe?

## Ukufunda

Kutheni ucinga ukuba ibali kuthiwa *Sivumelana ngokungaboni ngasonye* ngento kuba engekho onokufuna ukutshintsha? Ingaba ucinga ukuba uBelinda noDumisani basifundile isifundo sokuba ngamanye amaxesha bubulumko ukuvumelana ningaphikisani ngento kuba engekho onokufuna ukutshintsha? Nika isi(izi)zathu soluvo lwakho.

## Ukubhala

Bhala umdlalo usebenzisa umbhalo osebalini.

## Ukwenza

Dlala umdlalo wakho namalungu osapho kunye/okanye nabahlobo.

## Ubuchule

Yenza isalathisi esifakwa encwadini esinentloko yenkomo okanye yegongqongqo phezulu.